

Yiva umthandazo wethu!

**HLANGANISA IBANDLA
LITHANDAZELE ISIZWE**

Elizabeth Jordaan





www.watchandpray.co.za
watchandpray100@gmail.com

Yiva umthandazo wethu!

HLANGANISA IBANDLA LITHANDAZELE ISIZWE

- ✠ **EMSEBENZINI:** Yandisa amaqela omthandazo – qala iqela lokuthandaza okanye zimanye neselikhona kulo ndawo ukuyo.
- ✠ **3 Abangasidiswanga:** Thandazela ubuncinane abathathu obaziyo.
- ✠ **Amabandla:** Onke amabandla mawathandaze ubuncinane usuku evekini ngange yure e24. Qalani ngeyure ezimbalwa niye nizandisa iyure ukuye kwezi 24. xa usuku solusunguliwe zamani iintsuku ezimbini evekini.
- ✠ **24/7 Iimilindo yesixeko ngokubanzi:** Amaqela amahlelo ama 5-7 angayila umlindo womthandazo wama 24/7 apho ibandla ngalinye lingathabatha usuku lithandaza, kuzale iyure ezingama 168.
- ✠ **Iizikolo/Dyunivesiti:** Khuthaza izikolo/.dyunivesiti ukuba zithabathe iintsuku ezimbini ngekota bethandaza iyure ezingama 12 okanye 24 kwigumbi elikulungeleyo oko.
- ✠ **Iintolongo:** Qalani amaqela omthandazo kangangoko unakho ngaphakathi nentolongweni. Sebenzela ukusungula umthandazo wasemini nasebusuku ezintolongweni. Qalisani ukuzalisa usuku ngomthandazo kanye evekini.
- ✠ **Umntu ngamnye:** Yandisa ixesha lakho noThixo ngokuthandaza nokufunda iLizwi.

Indlela yokuthandaza

- ✠ Thandaza ngokholo. UThixo wathembisa – ke ngoko ndiyakholwa , ukuba uThixo akasoze axoke.
- ✠ Thandazo ngokuthobekileyo (Ukuba unakho, guqa phambi koThixo uzithobe).
- ✠ Thandaza ngethemba. Akho nanye into enqabileyo kuye.
- ✠ Thembela emandleni egama leNkosi uYesu Kristu.
- ✠ Thembela emandleni egazi leNkosi uYesu Kristu.
- ✠ Themba uMoya Oyingcwele ukuba uthandaze ngawe.
- ✠ Yhandaza ngenqiniseko, umkhumbuze uThixo ngezithembiso zakhe.
- ✠ Thandaza ungagwebi, ungatyholi.
- ✠ Umthandazo wakho mawusekelwe eluthandweni, inceba nemfesane kaBawo wethu oseZulwini ofuna abantu babuyele kuye, baguquke ezonweni zabo, bafumane uxolelo lwakhe, basindiswe.
- ✠ Vumela ukwaphuka kwentliziyo xa uMoya Oyingcwele ekukhokelela enguqukweningobuhlungu bukaThixo ngenxa yemeko yebandla nesizwe.

- ✠ Imithandazo yakho mayijolise kwimbeko nozuko lukaThixo, ekusindisweni kwabalahlekileyo wandule ukujolisa kuwe nemfuno zakho.
- ✠ Thandaza iLizwi likaThixo.
- ✠ Vakalisa umnqweno wakho nolangazelelo lukaYesu ukuba anikwe imbeko elizweni lonke.

Ukubiza igama leNkosi uYesu Kristu

Thabatha umzuzu okanye emibini uzolise intliziyo nengqondo yakho phambi kweTrone kaThixo.

- ✠ Vakalisa injongo zakho zokuthandaza ngeBandla nesizwe ngegama likaYesu Kristu.
- ✠ Zinikele kuThixo njengesixhobo sesandla sakhe.
- ✠ Cela iNkosi uYesu Kristu ukuba azityhile kuwe nomthwalo wakhe ngesizwe.
- ✠ Kuzakuthi qatha into engqondweni, thandaza ngayo kuThixo.
- ✠ Thandaza ngezi zilandelayo ngenyameko:
 - ✓ Nkosi Yesu Kristu, Nyana kaThixo yibanenceba kum, ndingumoni.
 - ✓ Nkosi Yesu Kristu, uyiNtloko yeBandla
 - ✓ Nkosi Yesu Kristu, UnguMbingeleli omKhulu, uhleli ngasekunene kukaBawo.
 - ✓ Nkosi Yesu Kristu, UnguKumkani woKumkani, uyiNkosi yamaKhosi
 - ✓ Nkosi Yesu Kristu, Uzakulakha iBandla lakho kwaye nanmasango esihogo awasayi kumelana nalo.
 - ✓ Nkosi Yesu Kristu, Ufanele yimbeko nozuko nentsikelelo.
 - ✓ Nkosi Yesu Kristu, yiva umthandazo wethu.

**Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokweLizwi lakho,
iBandla ...**

Ukwazi uThixo

- ✠ Aninike uMoya bulumko wokunithilela nimazi kakuhle ukuze nizaliswe kukwazi kakuhle ukuthanda kwakhe ninokuqonda konke okukoko moya. (Efese 1:17)
- ✠ Ukuze nizaliswe kukwazi kakuhle ukuthanda kwakhe ninokuqonda konke okukoko moya. (Kolose 1:9-12)
- ✠ UNyana kaThixo usinike ingqondo ukuze simazi oyinyaniso. (1 Yohane 5:20)
- ✠ Ukuba simazi (uYesu) kwanamandla ovuko lwakhe, nokuba sibenobudlelane naye ngentlungu zakhe sifaniswe nook kufa kwakhe novuko. (Filipi 3:10,17)
- ✠ Ukukhula elubabalweni nasekuyazini iNkosi no Msindisi uYesu Kristu. (2 Petros 3: 18).

Ukuluva uthando lukaThixo

- ✠ Khokela iintliziyo zethu eluthandweni lukaThixo, naselunyamezelweni lukaKristu. (2 Tesalonika 3:5)
- ✠ Ukuze nithi ndawonye nabo bonke abangwele, nibe nako ukubuqiqa into ububanzi, nobude, nobunzulu, nokuphakama kwalo, ...ukuze niye nizala ngako konke ukuzala kukaThixo. (Efese.3:17-19)
- ✠ UThixo uluthando, lowo uhleli eluthandweni uhleli kuye uThixo, noThixo uhleli kuye. (1 Yohane.4:16)
- ✠ UYesu noBawo beze bahlale nathi. (Yohane.14:23)
- ✠ Ngokuba uthando lukaThixo luthululelwe ezintliziyyweni zethu ngoMoya Oyingcwele, esamnikwayo. (Roma.5:5)
- ✠ Ke yena uThixo uqondakalisa okwakhe ukusithanda ngokuthi sakubonu'kuba sisengaboni, uKristu asifele. (Roma.5:8).

Ukuhlambulula, ubunyulu nobugcwalisa

- ✠ Kuba uThixo woxolo ngokwakhe uyasingcwalisa ngokuphelelisekileyo. (1Th.5:23-24)
- ✠ Asihlambulule iintliziyo ngokholo. (Izenzo.15:9)
- ✠ Alihlambulule (ibandla), ngokuhlamba ngamanzi ngeLizwi.(Efese 5:26)
- ✠ Lobeka phi na ukugqithisa igazi likaKristu, owazisondeza ngomoya ongunaphakade ongenasiphako kuye uThixo ... ukuze nikhonze uThixo ophilileyo. (Heb.9:14)
- ✠ Ukuba uBawo asngcwalise ngayo inyaniso yakhe, iLizwi lakhe liyinyaniso. (Yohane17:17)
- ✠ Ndixovule kunene busuke ubugwenxa bam! (Indumiso 51:2)
- ✠ Ukuba sisondele kuThixo wosondela kuthi. Sihlambe izandla thina boni senze nyulu iintliziyo nathi bamphefumlo umbaxa. (Yakobi 4:8)

**Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokweLizwi lakho,
iBandla ...**

Ukuba lakhiwe ngokufanekiso noKristu

- ✠ Ukuba uKristu ahlale ngalo uKholo ezintliziyyweni zethu. (Efese 3:17)
- ✠ Esithe ngezo zinto, saphiwa amadinga amakhulukazi, anqabileyo, ukuze ngawo nibe ngamadlelane ngemvelo yobuThixo. (2 Petros 1:4)
- ✠ Side thina sonke sifike kubo ubunye benkolo, nobokumazi ngokuzeleyo uNyana kaThixo, ebudodeni obupheleleyo, emlinganisweni wobukhulu bokuzala kukaKristu. (Efese 4:13)
- ✠ Ade uKristu amiliselwe ngaphakathi kuthi. (Galati.4:19)

- ✠ Kanjalo singamiliseli okweliphakade; masibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqondo zethu. (Roma.12:2)
- ✠ Thina ke sonke, sinobuso nje obubhenqwe isigqubuthelo, sibukhangela njengokwasesipilini ubuqawuqawuli beNkosi, senziwa similise okwaloo mfanekiselo, sivela ebuqawuqawulini sisingise ebuqawuqawulini, kwanjengokuvela eNkosini enguMoya. (2 Korinte .3:18)
- ✠ Ukwazi ubutyebi bozuko lwaloo mfihlelo phakathi kwazo iintlanga, obunguKristu phakathi kwethu, ithemba lozuko. (Kolose.1:27)
- ✠ Ndoninika ntliziyo yimbi, ndibeke umoya omtsha ngaphakathi kwenu; ndiyisuse intliziyo yelitye. (Hezekile.11:19)

Ukuhlala usethembeni

- ✠ Ukuze nilazi into eliyiyo ithemba lobizo lwakhe. (Efese.1:18)
- ✠ Khumbula ilizwi lakho kumkhonzi wakho, ngenxa enokuba undithembise lona. (Indumiso.119:49)
- ✠ Ngokuba ndiyazazi iingcinga endizicingayo ngani, utsho uYehova: iingcinga zoxolo, ezingezizo ezobubi; ukuba ndininike ikamva nethemba. (Yeremiya.29:11)
- ✠ Wanga ke uThixo wethemba elo anganizalisa ngalo lonke uvuyo noxolo ekukholweni, ukuze niphuphume ithemba ngamandla oMoya oyiNgcwele. (Roma.15:13)
- ✠ Ukuze singabi buhlungu njengabanye abangenathemba. (1Thesalonika.4:13)
- ✠ Silinde ithemba elinoyolo, nembonakalo yobuqawuqawuli bothixo omkhulu, uMsindisi wethu uYesu Kristu. (Tito.2:13)
- ✠ Ithemba esinalo ngokwe-ankile* yomphefumlo, linqabile, likwaqinile, lingena liye ngaphaya kwesikhuselo. (Hebhere.6:19)

Ukwazi amandla kaThixo

- ✠ Uthete nto-nye uThixo, ezi zimbini ndizivile ukuba amandla ngakathixo. (Indumiso.62:11)
- ✠ Nento obuyiyo ubukhulu obuncamisileyo bamandla akhe abhekisele kuthi thina bakholwayo. (Efese.1:19)
- ✠ Ukuba aninike, ngokobutyebi bozuko lwakhe, okomelezwa ngamandla ngaye umoya wakhe. (Efese.3:16)
- ✠ Ukuze ukholo lwethu lungabise bulumkweni kwabantu, lubesemandleni kaThixo. (1 Korinte.2:5)
- ✠ Uyesu ngumbalo wenkqu yakhe, ezithwele nokuzithwala zonke izinto ngalo ilizwi lamandla akhe. (Hebhere.1:3)

Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizi lakho, iBandla...

uBunye

- ✠ Wanga ke uThixo wonyamezelo novuselelo anganinika ukucinga nto-nye phakathi kwenu, ngokukaKristu Yesu; ukuze nithi, nimxhelo
- ✠ mnje, nimzukise ngamlomo mnje uThixo, uYise weNkosi yethu uYesu Kristu. (Roma.15:5-6)
- ✠ Cingani nto-nye nonke, velanani, thandanani njengabazalwana, yibani nemfesane kakhulu, yibani nobubele. (1Petros.3:8)
- ✠ Ninako konke ukuthobeka kwentliziyo nobulali, ninokuzeka kade umsindo, ninyamezelana, nisenziwa luthando, nikhuthalele ukubugcina ubunye bomoya ngentambo yoxolo. (Efese.4:2-3)
- ✠ Makangathi elowo axunele kwezakhe izinto zodwa, elowo makaxunele nakwezabanye. (Filipi.2:4)
- ✠ Nokuba ilungu elinye liva ubunzima, avelane amalungu onke; nokuba lilungu elinye elizukiswayo, avuyisane onke amalungu. (1Korinte.12:27)
- ✠ Ukuthi abazalwane bahlale bemxhel'omnye-kude kuse ephakadeni. (Indumiso.133:1-3)

uThando

- ✠ Ngenxa yokwanda kokuchasa umthetho, luya kuphola uthando lwabaninzi. Ke onyamezeleyo kwada kwabasekupheleni, lowo uya kusindiswa. (Matewu.24:12)
- ✠ Ndiniwisela umthetho omtsha, wokuba nithandane, njengoko ndinithandileyo nani. (Yohane.13:34-35)
- ✠ Akukho namnye unalo uthando ukodlula kolu, lokuba ubomi bakhe abuncamele izihlobo zakhe. (Yohane.15:13)
- ✠ Mayela nothando olu lobuzalwane, ndithi, yenzelanani ububele. (Roma.12:10)
- ✠ Sinyamezelana sisenziwa luthando. (Efese.4:2)
- ✠ Yibani nothando olunyamekileyo, ngokuba uthando luya kugubungela inkitha yezono. (1 Petros.4:8)
- ✠ Uze umthande ummelwane wakho ngoko uzithanda ngako. Ukuba niyagrenyana, nidlane, lumkani ukuba ningagqitywa omnye ngomnye. (Galati.5:14-15)
- ✠ Zithandeni iintshaba zenu, yenzani okulungiliyo kwabo banithiyayo. (Luka.6:27)

Iziqhamo zenkosi

- ✠ Lowo uhleli kuYesu abe yena ehleli kuye, yena uyakuthwala isiqhamo esininzi (Yohane.15:4,5).
- ✠ Wonke othwele isiqhamo uThixo uyamthenda ukuze athwale ngakumbi (Yohane.15:2).

- ✠ Nize nizale ziziqhamo zobulungisa ezingoYesu Kristu (Filipi.1:11).
- ✠ Ukuze nihambe ngokupheleleyo inkosi, ...nixakathe isiqhamo kuwo wonke umsebenzi olungleyo (Kolose.1:10).
- ✠ Velisani kengoko iziqhamo eziyifaneleyo inguquko (Matewu.3:8).
- ✠ Ndanimisela, ukuze niye nithwale isiqhamo, nokuze isiqhamo senu sihlale (Yohane.15:16).
- ✠ Kesona esomoya isiqhamo luthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, ukulunga, intembeko, ubulali, ukuzeyisa; akukho mthetho uchasene nezinto ezinjalo (Galati.5:22,23).

Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizi lakho, kwintlambululo yabalahlekileyo...

- ✠ KuThixo yanga bonke abantu bangasindiswa bafikelele ekuyazini inyaniso (1Timoti.2:4).
- ✠ Kumnandi kanene kum ukufa kongendawo? Itsho iNkosi uYehova. Okumnandi kum asikuko na ukuthi abuye ezindleleni zakhe, aphile? (Hezekile.18:23).
- ✠ INkosi ayibali dinga, njengoko abathile baba iyalibala; isuke izeke kade umsindo kuthi, ingangi kungatshabalala nabani; inga sonke singasinga enguqukwani (2 Petros.3:9).
- ✠ UYesu weza kulungiselela, nokuncama ubomi bakhe, kube yintlawulo yokukhulula abaninzi (Marko 10:45).
- ✠ Kanjalo ziya kuthemba egameni lakhe iintlanga (Matewu.12:21).
- ✠ Ningazani nawo umzi kaSirayeli, ningabasemzini kuyo iminqophiso yalo idinga, ningenathemba (Efese.2:12).
- ✠ Umoya oyingcwele uyakohlwaya ihlabathi lidane, ngenxa yesono, nangenxa yobulungisa, nangenxa yomgwebo (Yohane.16:7-8).
- ✠ Akukho namnye unakho ukuza kum, engathanga uBawo owandithumayo amtsale (Yohane.6:44).
- ✠ Ngokuba kuvakalisiwe egameni lakhe inguquko noxolelo lwezono kuzo zonke iintlanga (Luka.24:47).

Amagama ama 3 abangakhulwayo oba ubathandazele: -

Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizi lakho, Kwabo bashumayela igama lakho...

- ✠ Kuba andinazintloni ngazo iindaba ezilungileyo zikaKristu; kuba zingamandla kaThixo okusindisa bonke abakholwayo (Roma.1:16).
- ✠ Iinyanga zisene, kuze kufike ukuvuna (Yohane.4:35).
- ✠ Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nivakalise iindaba ezilungileyo kuyo yonke indalo (Marko 16:15).
- ✠ Khungani ke ngoko enkosini yokuvuna, ikhuphe abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo. (Matewu.9:37-38).
- ✠ Ndathi “ndikho, thuma mna!” (Isaya.6:8).
- ✠ Laye ke ilizwi leNkosi lihanjiswa kulo lonke ilizwe elo. (Izenzo.13:49).
- ✠ Zingisani ukuthandaza ukuze uThixo asivulele umnyango welizwi (Kolose.4:3-4).
- ✠ Ukuba ndiphiwe ilizwi ekuwuvuleni umlomo wam, ukuze ndazise ngokungafihlisiyo imfihlelo yeendaba ezilungileyo (Efese.6:19-20).
- ✠ Ukuba uvule amehlo abo, ukuze babuye ebumnyameni, beze ebumhlotsheni; babuye egunyeni likaSathana, beze kuThixo (Izenzo.26:18).
- ✠ Ukuba nikhumke ezinkanukweni ezizezenyama, zona ziwuphumele umkhosi umphefumlo (1Petros.2:11-12).
- ✠ Nakubo bonke abangcwele, ukuze ubudlelane bokholo lwakho bube nokusebenza (Filemon.1:4-6).

Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizi lakho, nangamandla omoya oyingcwele...

- ✠ Ngokuba uhleli nani, kanjalo uya kuba kuni. (Yohane.14:17).
- ✠ Akubon'ukuba umoya oyingcwele uhlile phezu kwenu; nibe ngamangqina am eJerusalem. (Izenzo.1:8).
- ✠ Xa athe wafika yena umoya wenyaniso, uya kunikhokela kuyo yonke inyaniso. (Yohane.16:13).
- ✠ Nezabelo zomoya oyingcwele, ngokuthanda kwakhe. (Hebhere.2:4).
- ✠ Ngamandla emiqondiso nezimanga, ngamandla omoya kathixo. (Roma.15:19).
- ✠ Kanalo musani ukumenza buhlungu umoya oyingcwele kaThixo, enathi kuye natywinwa, naqiniselwa imini yentlawulo. (Efese.4:30).
- ✠ Ndothumela phezu kwebandla uMoya wokubabala nowokutarhuzisa. (Zekariya.12:10).
- ✠ Ngokuze afike amathuba okuphumza, evela ebusweni beNkosi(Izenzo.3:20).
- ✠ Ukuba kukho othi anxanwe,makeze kum asele. (Yohane.7:37-39).

✠ Akungabukroti, akungamandla; kungomoya wam. (Zekariya.4:6).

Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizi lakho, nohlanga lwethu ...

- ✠ Hayi, uyolo lohlanga oluThixo walo unguYehova! (Indumiso.33:12).
- ✠ Malingcwaliswe igama lakho, mabufike ubukumkani bakho, makwenziwe ukuthanda kwakho nasemhlabeni. (Luka.11:2; Isaya.9:7).
- ✠ Kanjalo wazenza ngagazi-nye zonke iintlanga zabantu (Detoronomi.32:8; Izenzo.17:26).
- ✠ Thixo wena ungumlawuli ezikumkanini nazo zonke iintlanga (2 Kronike.20:6; Yobi 12:23).
- ✠ Kuba zinziwa iinqambi ngezo nto zonke iintlanga endizigxothayo ebusweni benu. (Levitikus.18:24).
- ✠ Ukuze yaziwe ehlabathini indlela yakho, Usindiso lwakho ezintlangeni zonke (Indumiso.67:2).
- ✠ Umthethisi wentlanga akayi kohlwaya na. (Indumiso.94:10).
- ✠ Aginye kulentaba umphambili wesigqubuthelo esizigqubutheleyo izizwe zonke, nesigubungelo esizigubungeleyo zonke iintlanga. (Isaya.25:7).
- ✠ Koko ndenzayo ngenxa yegama lam; ukuze lingahlanjela emehlweni eentlanga. (Hezekile.20:9).
- ✠ Ndiya kubumisa ubuqawuqawuli bam ezintlangeni. (Hezekile.39:21).
- ✠ Kuya kuthalela kuYehova iintlanga ezininzi ngalo mini. (Zekariya.2:11).
- ✠ Izizwe ezininzi neentlanga ezinamandla ziya kuza kumnqulelau Yehova wemikhosi. (Zekariya.8:22).
- ✠ Nokuba kuvakaliswe egameni lakhe inguquko noxolelo lwezono kuzo zonke iintlanga. (Luka.24:47).

Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizi lakho, nakwabongameleyo...

- ✠ Yena uyawaguqula amaxesha neminyaka, uguzula ookumkani amise ookumkani, kuba uyakwazi okusebumnyameni. (Daniyeli.2:20-22).
- ✠ Ngenxa yooKumkani nabasekongameni, ukuze sihlale ngokonwaba, nangokuzola, kuba oku kuhle emehlweni katThixo, onga yena bonke abantu bangasindiswa. (1Timoti.2:1-4).
- ✠ Yimijelo yamanzi intliziyo yokumkani esandleni sikaYehova (Imizekeliso.21:1).
- ✠ Shenxisa abangendawo ebusweni bokumkani, yozinza itrone yakhe ngobulungisa. (Imizekeliso.25:5).

- ✠ Izinto ezenzeka emfihlekweni kunzima nokuzithetha, ziyakubonakaliswa kukukhanya. (Efese.5:13).
- ✠ Uze ugqibelele ukubanoYehova uThixo wakho. (Detoronomi.18:14).
- ✠ Yamkelani uMoya oyingcwele; abazono nithe nazixolela, bazixolelwe, nabazono nithe nazibamba, zibambekile. (Yohane.20:23).
- ✠ Ookumkani bazimisile, Izidwangube zobhunga ngoYehovanangomthnjiswa wakhe. (Indumiso.2:2).
- ✠ Ngokreko lwesizwe baba baninzi abathetheli bolo. (Imizekeliso.28:2).
- ✠ Ngoko ke, nina bokumkani qinani. Mkhonzeni uYehova nisoyika, Gcobani nithuthumela. (Indumiso.2:10-11).

Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizi lakho, nasekuhlaleni...

Ubulungisa:

- ✠ Ukuba kwande ukuthethela oko, kubekho uxolo olungenakuphela etroneni kaDavide. (Isaya.9:7).
- ✠ Uze ungalandeli isininzi ukuya kwenza izinto ezimbi. (Exodus.23:2).
- ✠ Uze ungajiki isigwebo, ugakhetshi buso, ungamkeli sicengo. (Detoronomi.16:19).
- ✠ Ubulungisa obu, uze ubuphuthume ukuze uphile, ulihluthe ilizwe elo akunikayo uYehova uThixo wakho. (Detoronomi.16:20; Izityhilele.21:3; Isaya.56:1).
- ✠ Lowo unendlebe zokuuva makeve. (Luka .8:7).

Ukhuseleko nenkuselo

- ✠ Ngokuba wena Yehova undihlasa ndikholosile noko ndindedwa (Indumiso.4:8).
- ✠ Ngokuba enamathele kum ndomzisa ndimse engxondeni, ngokuba elazi igama lam. (Indumiso.91:14).
- ✠ Mabeyele ezintanjeni zabo abangendawo, ndide ndidlule mna okukanye. (Indumiso.141:10).
- ✠ Yehova sibabale sithembele kuwe yiba yindalo yabo imiso ngemiso, yiba lusindiso kuthi ngexesha lembandezelo. (Isaya.43:2).
- ✠ Musani ukuboyika abo babulala umzimba baze emva koko bongabinanto imbi bangayenza. (Luka.12:4; 2 Timoti.1:7).
- ✠ Andiyi kukha ndikushiye ngokude somelele sithi; inkosi ilusizo lwam, andiyi koyika wondenza ntoni umntu. (Matewu.8:26; Hebhere.13:6).
- ✠ Musa ukoyika nabunye ubunzima ozakubuva (izityhilelo.2:10).
- ✠ Ndishiya uxolo kuni, ndininika uxolo lwam (Yohane.14:27).

- ✠ Iinkomo zethu zizale, kungabikho kungenelwa, kungabikho kuthinjwa, kungabikho kuhlahlamba ezitrtweni zethu. (Indumiso.144:14).

Uxolelaniso:

- ✠ Wazenza ngagazi-nye zonke iintlanga zabantu, ukuba zime phezu kwawo wonke umhlaba, emisa amaxesha ebekwe ngexa engaphambili nemida yokuma kwazo ukuze bayifumane inkosi. (Izenzo.17:26).
- ✠ UThixo owasixolelanisa naye ngokwakhe ngoYesu Kristu wasinika ulungiselo loxolelaniso. (2 Korinte.5:18).
- ✠ Kuba akukho kwahluka kwamaJuda naDrike kuba ikwayilonkosi iyinkosiyabo bonke ubutyebi kubo bonke abayinqulayo. (Roma.10:12: Kolose.3:11).
- ✠ Xa umntu athe waboleka inkomo yaza yophuka ekho umniniyo makangayimiseli (Exodos.22:6-15).

Ukubasempilweni:

- ✠ Nina baloyikayo igama lam, ilanga lobulungisa liya kuphuma, linophiliso emaphikweni alo. (Malaki.4:2).
- ✠ Andiyi kubeka nasinye isifo phezu kwenu, kuba ndinguYehova igqirha lenu. (Exodus.15:26).
- ✠ Yoyika uYehova usuke entweni embi. Ukuphila kobakho enkabeni yakho, nokuqina emathanjeni akho. (Imizekeliso.3:7-8).
- ✠ Evakalisa iindaba ezilungileyo zobukumkani, ephilisa izifo zonke nezikhuhlane zonke ebantwini. (Matewu.9:35).
- ✠ INkosi engumgcini isuse nakuphi na ukugula, nokuba ssesiphi isifo esithe sabakho. (1 Kumkani.8:37-39).

Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizwi lakho, nokuphila komhlaba wethu...

- ✠ Umhlaba wethu wonakele ufuna ukuphiliswa. (2 Chron.7:13-14).
- ✠ Ngokuba uyehova ubambene nabemi belizwe eli; ngokuba kungekho nyaniso, kungekho nceba, kungekho kwazi uthixo kweli lizwe, zonke izinto ezime kulo zosuswa. (Hoseya.4:1-2).
- ✠ Ngegazi likaYesu Kristu soxolelwa kunikwe ukuthula kwabo banempindezelo. (Hebhere.12:24; Genesis.4:12).
- ✠ Ndaphalaza ubushushu bam phezu kwabo ngenxa yegazi, ababeliphalaze ezweni elo. (Hezekile.36:18).
- ✠ Nalima okungendawo , navuna ubugqwetha, nadla iziqhamo zobuxoki. (Hoseya.10:13).

- ✠ Xenikweni uwusebenzayo umhlaba, awusayi kuphinda ukunike amandla awo; uya kubhadula uphalale ehlabathini. (Genesis.4:11-12).
- ✠ Ngokuba iNkosi inenceba Yozisusa izigwebo ezibi; ikrele, nendlala, namarhamncwa, nendyikityha yokufa kwilizwe lethu. (Hezekile.14:12-21).
- ✠ Kungenxa yowayilulamisayo, sinethemba lokuba nendalo ngokwayo iya kukhululwa ebukhobokeni bokonakala. (Genesis.4:12; Roma8:21).
- ✠ Celani imvula kuYehova ngexesha lemvula evuthisayo. (Zekariya.10:1).
- ✠ Yeha! Nihlale nodwa phakathi kwezizwe. (Isaya.5:8).

Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizwi lakho, kwaba hluphekileyo nabadingayo...

- ✠ Ngenxa yokubhuqwa kweentsizana, ngenxa yokuncwinwa kwamahlwempu, nyakusuka ndime ngoku. (Indumiso.12:5).
- ✠ Ngokuba aliyohlala lilityalwa ihlwempu, Ithemba leentsizana aliyi kudaka ngonaphakade. (Indumiso.9:18; Filipi.4:19).
- ✠ Makagwebe ityala labaziintsizana ebantwini, asindise oonyana bamahlwempu, abatyumze abacudisi. (Indumiso.72:4).
- ✠ Nabo ke ubukwenxa bomntakwenu iSodom umsakwenu, yabe ilikratshi, nokuhlutha isonka'...ayabamba ngesandla amahlwempu (Hezekile.16:49).
- ✠ Kuba alisayi kungabikho ihlwempu phakathi kwelizwe'...Sivule kakhulu isandla sakho kumzalwana wakho olusizana, olihlwempu ezweni lakho. (Duteronomi.15:11).
- ✠ Ukumkani ogweba ityala lezisweli ngenyaniso. (Imizek.29:14).
- ✠ Owusebenzayo umhlaba wakhe uyakuhlutha sisonka, osukela izinto ezingento uyakuhlutha bubuhlwempu. (Imizek.10:4; 28:19).
- ✠ Musa ukuthanda ubuthongo hleze uhlwempuzeke. (Imizek.20:13).
- ✠ Kuba kwakungekho namnye phakathi kwabo owayeswele...ababenemihlabababesithi bathengise ngawo, bawazise amaxabiso ezo zinto bathengise ngazo. (Izenzo.4:34).

Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizwi lakho, kwiinkedama nabadala...

- ✠ Uyise weenkedama, umthetheleli wabahlolokazi, NguThixo ekhayeni lakhe elingcwele. (Indumiso.68:5).
- ✠ Shiya iinkedama zakho; ndiya kuziphilisa. (Yerem.49:11).
- ✠ Yonke into engumhlokazi nenkedama uze ungayicinezeli. (Exodus.22:22).

- ✠ Xa uthe wavuna uze ungalibali ukusa isithungo kwabo basweleyo. (Deturo.24:19; 26:12).
- ✠ Batyebile, kanjalo bagqhithisile ngezinto ezimbi, ityala lwenkedama abalilungisa ukuze nazo zibe nempumelelo. (Yerem.5:28).
- ✠ Suka ume ebusweni bengwevu, ububeke ubuso bexhego, umoyike uThixo wakho. (Levi.19:32).
- ✠ Emaxhegweni kusebulumkweni, Ebudeni bemihla kusengqondweni. (Yobhi 12:12).

**Nkosi uYesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizwi lakho,
ngenxa yenkedama kunye nabantu abadala.**

- ✠ Nina Bafazi, walulameleni awenu amadoda, ngokokululamela iNkosi... (Efese.5:22-33).
- ✠ Nina Madoda, bathandeni aBafazi benu, Njengokuba naye uKristu walithandayo ibandla wazinikela ngenxa yalo. (Efese.5:25).
- ✠ Nina Madoda, hlalani nabo ngokokwazi, nimbeka Umfazi njengesona sitya siethe-ethe, ukuze imithandazo yenu ingathinteki. (1Petros.3:7).
- ✠ Ngokunjalo nina Bafazi, wathobeleni amadoda wenu, ukuze kuthi nokuba kukho ongalivayo ilizwi,athi ngehambo yabafazi azuzeke. (1Petros.3:1).
- ✠ Umtshato mawubekeke ngandlela zonke, nesilili masingadyojwa (Hebhere.13:4).
- ✠ Udle khona phambi koYehova uThixo wakho , uvuye wean nendlu yakho. (Deut.14:26).
- ✠ Indoda Mayiwongamele umzi wayo, abantwana bakhe bemthobela.
- ✠ Masisebenze okulungileyo kubo bonke, ngokukodwa ke kubendlu yokholo. (Gal.6:10).

**Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizwi lakho,
kubantu abatsha...**

- ✠ Mfundise umntwana ngendlela efanele umntwana (Imizek.22:6).
- ✠ Musa ukuliyeka uqeqesho emntwaneni. (Imizek.23:13).
- ✠ Intonga nesohlwayo sinika ubulumko, ke yena oyekeleleyo udanisa unina. (Imizek.29:15).
- ✠ Ilifa likaYehova ngonyana, umvuzo sisiqhamo sesizalo. (Indumiso.127:3).
- ✠ Ukuze sisazi isizukulwane esizayo, oonyana abasezakuzalwa, ababoonyana. (Indumiso.78:6).
- ✠ Bayame ngothixo, bangazilibali izenzo zikaThixo, balondoloze imithetho. (Indumiso.78:7).

- ✠ Beka uyihlo nonyoko ukuze yolulwe imihla yakho emhlabeni. (Exodus.20:12).
- ✠ Nani boyise sanukubacaphukisa abantwana benu, bondleleni ekuqeqeshelweni ngesoluleko seNkosi. (Efese.6:4-6).
- ✠ Umfana uyakuwuqaqambisa ngantoni umendo wayo. (Indumiso.119:9).
- ✠ Bavumeleni abantwana beze kum ningabaleli, kuba ubukumkani bukaThixo bobabo (Marko 10:14).
- ✠ Thixo undifundisile kwasebuncinaneni bam, kunangoku ndingayixela imisebenzi yakho (Indumiso.71:17).

Nkosi Yesu Kristu, yiva imithandazo yethu ngokwelizwi lakho, kongendawo...

- ✠ Wabonakaliselwa oku unyana kaThixo ukuze ayichithe imisebenzi kamtysholi . (1kaYohane.3:8).
- ✠ Zithi zonke ilwimi zixele ukuba uYesu Kristu uyinkosi (Filipi.2:10-11).
- ✠ Niyabona Ndininika igunya lokunyathela iinyoka, naphezulu kwawo onke amandla otshaba. (Luka.10:19).
- ✠ Nani nifile nje ziziphoso nokukungaluki inyama yenu, undilise ubomi ndawonye naye. (Kolose.2:13-15).
- ✠ Wasifudusela ebukumkanini bonyana wakhe oyintanda (Kolose.1:13-14).
- ✠ Ukuze ngako ukufa umthyoli abakhulule ebukhobokeni bonke abo bathe ngexesha labo loudla ubomi bazizisulu zokoyika ukufa (Hebhere.2:14-15).
- ✠ Nina, ningabakaThixo, bantwana nibeyisele bona..... (1kaYohan.4:4).
- ✠ UThixo woxolo uya kumtyumza uSathane kamsinya phantsi kwenyawo zenu. (Roma.16:20).
- ✠ Elokugqiba, bazalwana bam yomelelani eNkosini...nithandaza amaxesha onke nikuwo umoya. (Efese.6:10-18).
- ✠ Ngaphezulu kwezinto zonke qubulani Ikhaka lokholo...nothi nicime ngazoiintolo zomlilo wongendawo (Efese.6:16)
- ✠ Yamkelani isigcinantloko sosindiso, nalo ikrele lomoyaelilizwi likaThixo (Efese.6:17-18).
- ✠ Bameyisele bona ngenxa yegazi lemvana nangenxa yelizwi lobungqina babo. (Izithyilelo.12:11).
- ✠ Siyabuza ngoku Bawo egameni likaYesu Kristu oozilawule noomagunya abakwasezasemazulwini iindawo babaziswe ngalo ibandla ubulumko. (Efese.3:10; Filip.2:10; Izithyil.19:16).

Zibuze: Ndimephi noThixo?

- ✠ Ingama sikhona isono endongasihlambululanga ebomini bam?
- ✠ Ingaba ndinokungaxoleli nobukrakra ebomini bam?
- ✠ Ingaba ndinazo izenzo zentandabuzo ebomini bam?
- ✠ Ndiyawuthobela na uMoya oyingwele kwinto zonke?
- ✠ Ingama ndiyamvuma uYesu ngokungafihlisi?

Zibuze: Ingaba ndiphila ubomi obugqibeleleyo?

Wonke umKristu makaphila ubomi obufanele uKristu:

- ✠ Musa ukuhlawula okanye wamkele izinyobo.
- ✠ Hlawula irhafu.
- ✠ Musa ukubandakanyeka nakwaziphi na izenzo zentswela bulungisa ebantwini.
- ✠ Gcina umlinganiselo wesantya, uthobele imithetho yendlela.
- ✠ Hlala ngobungcwele nendoda/mfazi wakho.
- ✠ Yiba ngutata nomama onobuThixo ebantwaneni bakho.
- ✠ Hlawula imivuzo efanelekileyo, wenze umsebenzi wosuku ngokuthebekileyo.
- ✠ Musa ukuthetha kakubi ngebandla okanye isizwe.
- ✠ Zimanye ubuncinane ne projekthi enye kwindawo ohlala kuyo.